



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUWARI/MATSHI 2014

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 70

Le memorandam inamaphepha ali-10.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****1.1 ISICATSHULWA A**

- 1.1.1 Lwalulephuz' amadangatye.√/Lwalutshis' okwembawula evuthayo.
√/intliziyo zabo ziqubha kwiqula lothando.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.1.2 Hayi ayizange ibe ngumqobo. Kuba babetandana kwaye zange
bohlukaniswe yinto yeminyaka.√/Kuba yinto eqhelekileyo into
yokuba indoda nomfazi bangalingani ngeminyaka. √/√
Ewe ibe ngumqobo. Kuba uThabo wayesaqala ngokulungisa
ikhaya lakhe phambi kokutshata. √/√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
- 1.1.3 Wayewuthanda kakhulu kwaye eyiqonda nento yokuba
ukuphakama nokuwa kwekamva lakhe kuxhomekeke
kuwo.√/ungenisa intywenka yemali.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.1.4 Usichazela ukuba uLindiwe wayesempilweni entle kakhulu.√/
ngokwesiqu wayemncinane engaba bantu kuthiwa bayaliqoba
ikhaba.√/Wayekhangeleka emncinci kuneminyaka yakhe. √
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.1.5 Ziimbono zokumtshata uLindiwe.√/ukumzeka.√/ukumenza
inkosikazi.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.1.6 Zinxulumana nobunyulu.√/nococeko.√/ubungcwele√/ubumsulwa√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.1.7 UThabo wayenqwenela ukumtshata uLindiwe kungoko ephupha
behlala kunye./UThabo wayenqwenela ukuhlala noLindiwe
njengomyeni nenkosikazi, kungoko ephupha behlala kunye.√/√
(2)
- 1.1.8 D.√/Ukuzama.√/D.Ukuzama.√
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.1.9 Iphuhlisa ukuba wayebathanda abazali bakhe nekhaya lakhe√/
Uqala ngezinto zokuqala ebomini√/usebenza
ngokwezicwangciso.√
(Nayiphi na kwezi) (1)

- 1.1.10 Yinyani.√ (1)
- 1.1.11 Kuba babehlala gumbini linye e'Nurses Home'.√ (1)
- 1.1.12 Kuveza ukuba uJay wayewathanda amanenekazi.√/
Wayengudlalani.√/Wayenguchwenene. √
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.1.13 Wayenoncumo lokuzithemba namehlo alaqazayo.√ (1)
- 1.1.14 Lalingezothando.√/uJay wayewile yile ntombi.√/UJay wayezibika
kule ntombi. √
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 1.1.15 UThabo wayenyanisekile,√ ukanti uJay wayengathembakalanga.√/
Indlela abanxiba ngayo yayahlukile, uJay enxiba iimpahla zala
maxesha√ ngelixa uThabo enxiba ngathi ngumalusi weenkom
zasefama.√/uJay wayewathanda amanenekazi√ ngelixa uThabo
athanda umntu omnye ngexesha.√/ UThabo wayesuka kusapho
olungathathintweni kungoko ebakhela ipoma lendlu ngelixa
uJay enoyisemncinci oneemoto neshishini√/unoyisemncinci
ongusomashishini.√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 1.1.16 Wenze isigqibo esifanelekileyo kuba ukhethe isoka elibonakala
linezinto.√√/Wenze isenzo esifanelekileyo kuba umgangatho
wakhe sele uphucukile akanakuzibophelela kunoteksi ubomi bakhe
bonke.√√

Wenze isenzo esingafanelekanga kuba waphula intliziyo yomfana
onyanisekileyo onguThabo eleqa uJay angamaziyo.√√/Wenze
isenzo sobudenge kuba ushiya umfana ozinikeleyo nonenkathalo
ngaye.√√/Akanamqolo kuba uleqa uJay acinga ukuba ungcono
kunoThabo.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 1.1.17 Sifundiswa ukuba ungalahli imbo yakho ngophoyiyane√√/ukuba
kulula ukuhendeka.√√/musa ukukhwaza ungekaphumi ehlathini√√/
musa ukuthemba umntu√√/kulindele ukuphoxwa nangumntu
omthandayo.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

1.1.18 UThabo wayenamabhongo kakhulu ngothando lwakhe noLindiwe de alilisele ngengelosi yasemhlabeni kanti uJay uza kumhlutha loo ntlaka sele isemlonyeni.√√/uThabo wayengaboni sithintelo kumaphupha ngothando lwabo, eqhayisela nabahlobo suka uJay wamxutha uLindiwe.√√

(Nayiphi na kwezi)

(2)

1.2 ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2.1 Iphuhlisa ukungonwabi √ /ukukhathazeka √ /ukumangaliseka nokungayithandi le nto iqhubekayo phakathi kwesi sibini.√

(Nayiphi na kwezi)

(1)

1.2.2 Ibonakalisa ukuba baqhelene.√√/Ibonakalisa ukuba bayazalana.√√/Ibonakalisa ukuba bayahlobana.√√/Ibonakalisa ukuba bayazana.√√

(Nayiphi na kwezi)

(2)

1.2.3 Sisinxibo sesikolo esipheleleyo.√/iyunifom yesikolo epheleleyo√/umfaneleko.√

(Nayiphi na kwezi)

(1)

1.2.4 Kwisicatshulwa A, ULindiwe ushiya isoka elimthandayo ngenxa kaJay okhangeleka enento yonke kanti nezo zinto ayizozakhe koko zezikayise mncinci.√ kanti kwisicatshulwa B, intombazana ihyoe umntu onemoto.√

(Nayiphi na kwezi)

(2)

AMANQAKU ECANDELO A: **30**

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2****ISICATSHULWA C**

Naziphi na iingongoma ezisi-7 kwezi zilandelayo ziylimpendulo yombuzo.

EGUMBINI LOVIWO

UCAPHULO	IINGONGOMA
1. 'Imin' ifikile, imini ekukad'ixelwa iiintsuku ezimbalwa eziginya imihla emininzi. Le yimini yokuqala yeemviwo zokuphela konyaka. Egumbini loviwo zonke izinto zicwangciswe kakuhle. Iidesika zikrele kakuhle zashiya izithuba ukuze kube lula ukungena nokuphuma phakathi kwazo.'	1. Ngosuku lokujala lokubhalwa kweemviwo zokuphela konyaka zonke izixhobo ezidingekayo zikho, negumbi licwangciswe.
2. 'Etafileni yoMongameli-luviwo kwandlalwe ilaphu elimhlophe elikhrotshwe ngobugcisa obungummangaliso. Esazulwini setafile kubekwe ivazi eneentyantyambo ezivumba limnandi. lifestile zigengiwe kuhleza umoya ukuze kungabikho mntu wozelayo nodubeka ingqondo ngenxa yesifuthufuthu. Ikhabhathi eneencwadi namaphepha amiswe kakuhle ivuliwe ukuze uMongameli-luviwo angaxakeki xa kukho into ayifunayo, kuba kaloku utitshala akazi kubakho kweli gumbi xa abantwana babhalayo.'	2. Imo yegumbi lokubhalela ilungile, zonke izixhobo zibekwe elubala kuba utitshala wesifundo akazi kubakho.
3. 'Intsimbi ibethile bangena abantwana bengenzi ngxolo, neetitshala zangena noMongameli-luviwo sel'ekho. Utthe utitshala ophetheyo akuthi, 'masithandaze', yalitsho iculo ngelizwi elimpongampo intombazana ekucace ukuba yintlabeli yesi sikolo, balithatha abanye batsho ngentsholo emnandi, baya bee tya.'	3. Kuqalwa ngomthandazo phambi kokuba kubhalwe.
4. 'Ithe igqitywa le nkonzwana kwaba sekusele imizuzu elishumi elinesihlanu phambi kokuba kubhalwe, waza ke utitshala wabanika amaphepha okubhala, sel'ebhaliwe kakade amagama abantwana besikolo kwanesikolo.'	4. Banikwa amaphepha aneenkukacha zabafundi nesikolo xa kusele imizuzu elishumi elinesihlanu phambi kokuba babhale.

5.	'UMongameli-luviwo ubakhumbuze iindawandawana azithunyiweyo abafundi malunga noviwo olu, waza wayiqhaqha imvulophu yemibuzo wababela wathi, Bhalani.'	5.	Emva kokubakhumbuza ngeendawandawana uMongameli-luviwo ukhuphe umyalelo wokuba kubhalwe.
6.	'Ubonakele ngoku uMongameli-luviwo engenasizinzo, esihla enyuka kuloo hola uphakathi kweedesika ephosa iliso ngapha nangapha.'	6.	Uzulazula egumbini lokubhalela iimviwo uMongameli-luviwo ukuqinisekisa ucwangco.
7.	'Uvakele emzuzwini esithi, 'Kusele imizuzu emihlanu.' Ekupheleni kwayo uthe, 'Bekani phantsi iintsiba nisukume.' Ubuzile ebantwaneni, 'Niyayazi indlela yokulandeletana kwenu?' Bavuma abantwana esekudala beqeleshelwa olu viwo.'	7.	Emva kokubalumkisa ngemizuzu eseleyo, uMongameli-luviwo uyalela abafundi ukuba bayeke ukubhala. Lakuphela ixesha bawabeke amaphepha ngokulandeletana.

OKANYE

EGUMBINI LOVIWO

UMHLATHI

Ngosuku lokuqala lokubhalwa kweemviwo zokuphela konyaka zonke izixhobo ezidingeckayo zikho, negumbi licwangciswe. Imo yegumbi lokubhalela ilungile, zonke izixhobo zibekwe elubala kuba utitshala wesifundo akazi kubakho. Kuqalwa ngomthandazo phambi kokuba kubhalwe. Banikwa amaphepha xa kusele imizuzu elishumi elinesihlanu phambi kokuba babbale. Emva kokubakhumbuza ngeendawandawana uMongameli-luviwo ukhuphe umyalelo wokuba kubhalwe. Uzulazula egumbini lokubhalela iimviwo ukuqinisekisa ucwangco. Emva kokubalumkisa ngemizuzu eseleyo, uMongameli-luviwo uyalela abafundi ukuba bayeke ukubhala. Lakuphela ixesha bawabeke amaphepha ngokulandeletana.

(Inani lamagama: 69)

Ukukorekishwa kwesishwankathelo:

Isishwankathelo masikorekishwe ngolu hlobo lulandelayo:

- **Ulwabiwo – manqaku**
 - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (linqaku ngengongoma nganye)
 - Amanqaku ama-3 olwimi.
 - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
 - 1–3 amanqaku achanelekileyo: Nika inqaku eli-1
 - 4–5 amanqaku: Nika amanqaku ama-2.
 - 6–7 amanqaku achanelekileyo: Nika amanqaku ama-3.

QAPHELA:

- **Imo:**
Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masimakishwe.
- **Ubalo-magama**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
 - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI**UMBUZO 3: ISIBHENGEO-NTENGISO****ISICATSHULWA D**

- 3.1 Amagama amakhulu. ✓/ukusetyenziswa kweefonti ezahlukaneyo. ✓
 (Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.2 Kubantu abagulayo. ✓/kubantu abanezifo ezixeliweyo. ✓/kubantu abasebenzisa
 amayeza esiXhosa. ✓
 (Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.3 'Camagu!!' ✓ (1)
- 3.4 ... emva kwenyanga. ✓ (1)
- 3.5 Liphuhlisa uluvo lokuba abekho abanye abantu abanala machiza esiNtu
 ngaphandle kwaKwaZifozonke ✓/kuKwaZifozonke kuphela apho kufumaneka
 la machiza✓
 (Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.6 Zikunika ngqo indlela elisetyenziswa nelisebenza ngayo ngokukhawuleza eli
 yeza. ✓ (1)
- 3.7 Ndisebenzise igama, 'intloko' njengentloko yesivakalisi. ✓✓/
 Intloko yesi sikolo ngumntu obhinqileyo. ✓✓/
 Lo mcimbi siwuqale emsileni kanti kumele ukuba siwuqale entloko. ✓✓/
 Uthe gqi ngentloko uloliwe ndisawela umzila wakhe. ✓✓
 (Naziphi ezinye iimpendulo ezichanekileyo zamkelekile) (2)
- 3.8 Ibenza bazibone sele bethenga kuba amaxabiso ayafikeleka✓/bathenga
 nokuba banemali encinane bayakwazi ukuwfumana amayeza. ✓
 (Nayiphi na kwezi) (1)
- 3.9 Kuthengiswa iyeza lesiNtu kanti umfanekiso ngowamaggirha. ✓ (1)
[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI**ISICATSHULWA E**

- 4.1 Ukukhathalelana lumphawu lobuhlobo benene.✓/ukukhathalelana yenze yezinto ezilindelekileyo kumhlobo wenene.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.2 Sisetyenziselwe ukuphuhlisa ukuba isithethi siyonwabele le mini.✓/Sisetyenziselwe ukuphuhlisa ukuba isithethi sincoma ubuhle bemini.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.3 D.✓/obubalaseleyo.✓/D. obubalaseleyo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.4 Inkangeleko yobuso✓/Umnwe owalathayo.✓ (2)
- 4.5 Yonke into ephilayo ifanele ukuba namalungelo ayo.✓✓/Zimele zibe namalungelo kuba nabantu banawo.✓✓/Yinxalenye yomgaqo-siseko woMzantsi Afrika wokukhusela izilwanyana.✓✓
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 4.6 Usityhilela ukuba bangabahlobo benene.✓✓/Uphuhlisa umxholo wokuba abahlobo bayakhathalelana.✓✓/Usityhilela ukuba bonwabile njengabahlobo.✓✓
(Nayiphi na kwezi) (2)
- 4.7 Izityalo ziluncedo ekugxotheni izifo.✓/indalo iluncedo empilweni yethu.✓/indalo nayo inawo amalungelo.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

[10]

UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI**ISICATSHULWA F**

- 5.1 UNozipho akasosihlobo sikaGcinaphi.✓/UNozipho ayisosihlobo sikaGcinaphi.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 5.2 Sandulela isibizo✓/sisetyenziswe phambi kwesibizo✓/sisungula isivakalisi.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)

- 5.3 Sibonisa ukuzinga kwesenzo.✓ (1)
- 5.4 Yehake! ✓ Kutsha phi na wethu?✓ (2)
- 5.5 UNozipho ubuze ukuba ukhathazwe yintoni ngaloo mzuzuzwana.✓ (1)
- 5.6 Luhlobo lokuqondisa✓ kwixesha langoku.✓ (2)
- 5.7 Omnye umntwana uthanda amanzi kanti omnye uthanda isiselo.✓
(Naziphi ezinye iimpendulo ezichanekileyo zamkelekile) (1)
- 5.8 B✓/sentloko.✓/B. sentloko.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70